



Izinto Eziyimfuneko

Ukufundela abantwana ngokuvakalayo

Nazi izizathu ezihlanu ezilungileyo zokufunda ngokuvakalayo

1. Ukufunda ngokuvakalayo ufundela abantwana bakho kunceda ukuphuhlisa ikhonkco phakathi komzali kunye nomntwana.
2. Xa ufunda ngokuvakalayo ufundela abantwana kwaye bona belonwabele ibali, ukufunda bakubona njengomsebenzi okholisayo kwaye oko kubakhuthaza ukuba bazifundele.
3. Ukufundela abantwana abancinane ngokuvakalayo kubabonisa indlela esifunda ngayo nendlela iincwadi ezisebenza nezisetyenziswa ngayo. Olu lwazi lwenza ukuba kube lula kubo ukufunda kwixesha elizayo.
4. Abantwana bayakwazi ukuqonda nokuwonwabela amabali abangakwaziyo ukuzifundela wona xa beweva efundwa ngokuvakalayo.
5. Ukuva amagama amatsha asetyenziswa kwibali kuphuhlisa isigama sabo kwaye kubanika ulwimi olutyebileyo ukuze balusebenzise xa bebhala awabo amabali.

Iingcebiso ezintlanu eziphambili zeNal'ibali zokufunda ngokuvakalayo

1. Xa ukhetha iincwadi oza kuzifunda, khetha ezo uzonwabelayo kodwa ngaxeshanye ukhethe nezo zihambelana nemiba abantwana abanomdla kuyo.
2. Xa ufunda ngokuvakalayo kufuneka ube nomdlandla! Ilizwi lakho malinike umdla ukwenzela ukuba udale umoya nemeko enikisa umdla!
3. Qala ngokufunda igama lombhali (kunye nomzobi) ukuze abantwana bayiqonde into yokuba iincwadi zibhalwa ngabantu abafana nabo!
4. Xa ufunda incwadi yemifanekiso, vumela abantwana bafumane ixesha lokujonga imifanekiso kwaye benze namagqabantshintshi ngayo, ukuba bayafuna.
5. Iincwadi ezinamagama anemvano-sandi, isingqi nophinda-phindo njengezicengcelezo zifundeka kamnandi xa ufunda ngokuvakalayo, uzifundela abantwana naxa ubafundisa ulwimi olutsha. Ngokuye beliqonda ibali, bakhuthaze ukuba bakujoyine njengokuba ufunda nje.

T: +27 (21) 448 6000

E: info@nalibali.org

 www.nalibali.org

 www.nalibali.mobi

 [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

 [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

 [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

